Isalathiso: 20180319-576
12/2/8/12
Imibuzo: LB Shasha

ISetyhula: 0013/2018
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNqununu zeZikolo nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neehostele (kungabandakanywanga iikholeji zemfundo)

*Isishwankathelo esifutshane:* *Ukunyuswa kwezixa-mali ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho, iibhasari zokubhoda kwiindawo zabucala neenkxaso-mali zabasebenzi kwihostele nasezikolweni*

**Isihloko:** **Ukunyuswa kwezixa-mali ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho, iibhasari zokubhoda zabucala neenkxaso-mali zabasebenzi kwihostele nasezikolweni**

1. Kuvunyiwe ukunyuswa kwezi bhasari zilandelayo ukususela kwi-**01 Apreli 2018**:

1.1 Ezona ntlawulo ziphezulu zeebhasari zokubhoda ezihlawulwa abafundi abasweleyo kwiihostele zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zinyusiwe ukusuka kwi-R8 349,00 ukuya kwi-R8 974,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

1.2. Ezona ntlawulo ziphezulu zeebhasari zokubhoda kwiindawo zabucala neebhasari zezothutho ezihlawulwa kubafundi abasweleyo kwezi zithili zemfundo, *West Coast, Cape Winelands, Eden & Central Karoo* ne-*Overberg,* zinyusiwe ukusuka kwi-R1 916,00 ukuya kwi- R2 040,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

Okubalulekileyo: Zonke ezi bhasari zingentla zibalwa ngokungqinelana novavanyo lokuqinisekisa ubungakanani beemfuno oluvunyiweyo (makufundwe iNgcaciso eMfutshane ye-IMGP 0016/2011 neekhrayitheriya ezimiselweyo kwiSetyhula 0143/1998 ye-06 Novemba 1998 neSetyhula 0029/2001 ye-13 Matshi 2001.

2. Kukwavunyiwe kanjalo nokunyuswa kwezi nkxaso-mali zabasebenzi zilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2018:**

2.1 Inyusiwe inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani labafundi ababhalisileyo elingaphantsi ko-201 ukwenzela

ukuqesha abasebenzi bezolawulo nabeenkonzo eziqhelekileyo ukusuka kwi-R550,00 ukuya kwi-R585,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka. Yi-R21 000.00 esona sixa sincinane siya kuhlawulwa kwisikolo.

2.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani labafundi elingaphantsi ko-50 abangamabhoda ukwenzela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo, inyusiwe ukusuka kwi-R8 349,00 ukuya kwi-R8 974,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

2.3 Inyusiwe nenkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zeecawa okanye kwiihostele zabucala ukwenzela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo nabenkoonzo zokucoca, ukusuka kwi-R1 920,00 ukuya kwi-R2 045,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

3. Kucelwa wazise okukule setyhula amalungu ebhunga lolawulo nabo bonke abantu abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BK SCHREUDER
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2018-03-09